Umbuzo 1

1.1 Nika iindidi **ezimbini** zeenkqubo zofaniso. ( 2)

1.2 Umkhutshwa womgaqo wemethathesisi uqulethe ntoni? (2)

1.3 Xela okwaziyo ngokubhekisele kwimvelaphi (derivation). (4)

1.4 Imigaqo echaza imethathesisi, imifakwa yayo kufuneka iqulethe ntoni?(2)

1.5 Lujongene nantoni unkantaziso oluSonorenti ubukhulu becala? (2)

1.6 Olona didi luxhaphakileyo lwenkqubo yefonoloji yintoni? (2)

1.7 Yintoni umsebenzi wengqinisekiso? (2)

1.8 Nayiphina into engasekunene komgca oxwesileyo, iba yintoni? (2)

1.9 Nika umahluko phakathi kwefonimi **eyodwa** kunye naleyo **ibumbeneyo**, ze unike nemizekelo ibe **mibini** kwifonimi nganye. (7)

[25]

**OKANYE**

Umbuzo 2

Chaza konke okwaziyo ngokubunjwa ngokufanelekileyo komgaqo wefonoloji.

[25]

**OKANYE**

Umbuzo 3

Chaza konke okwaziyo malunga nonkantaziso. [25]

**OKANYE**

Umbuzo 4

Tyatyadula ngonxulumano phakathi kwefonoloji nefonetiki. [25]

**OKANYE**

Umbuzo 5

Chaza konke okwaziyo malunga neziguquleki (variables). [25]

**OKANYE**

Umbuzo 6

6.1 Ngowuphi umahluko okhoyo phakathi koosinga-nkamiso nezikhamiso?

(2)

6.2 Nika iindidi zibe **ntathu** zemigaqo yefonoloji? (6)

6.3 Yenza imatriksi yezikhamiso zesiXhosa (7)

6.5 Wazi ntoni malunga noviwo-ntsingiselo? (4)

6.6 Nika iziphumo zonkantaziso zibe **ne (4).** (4)

6.7 Waziwa ngokuba yintoni umkhutshwa womgaqo wokugqibela ukusebenza?

(2)

[25]

**OKANYE**

Umbuzo 7

Chaza oku kulandelayo:

7.1 Usasazo olwangeziweyo (complementary distribution). (13)

7.2 Usasazo oluchaseneyo (contrastive distribution). (12)

[25]

**OKANYE**

Umbuzo 8

Yintoni unkantaziso? Chaza

[25]

**OKANYE**

Umbuzo 9

Chaza iimpawu ngokwemofoloji phantsi kwezi ngongoma zilandelayo. Nika nemizekelo :

( a) Amahlelo ezibizo

( b) Izixokelelwano zezivumelanisi

( c) Izivumelanisi zochazo

( d ) Izimamva zezenzi

( e ) Izivumelanisi ezipronominali

[25]

OKANYE

Umbuzo 10

Kule mizekelo ilandelayo chaza ukwakhiwa kweenguqulelo zefonetiki nefonoloji ezinxulumene nezivumelanisi zesiphawuli Lungisa iziphene kananjalo:

( a) Into enbi ayinyamezeleki

( b) Inkunzi enfutshane idla ngokudeleka

( c ) Inkwenkwe ekhulu yile inamajengxeba

( d) Izinto ezitsha zikwiifashoni ngeefashoni.

( e ) Induku ehle ikhiwa ezizweni.

[25]

OKANYE

Umbuzo 11

Xoxa uzekelise ngokukuko ngokubunjwa komgaqo wefonoloji.

[25]